## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho, makisha le yokuqala ungayihoyi elandelayo.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, makangohlwaywa.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI, okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Kananjalo uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI akukho manqaku anikwayo. Into mayinikwe ingqalelo sisizathu/ukuxhasa/nokungqina.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Emzini kaLungile noNomakhwezi√/ kwaNtsibande√/ kuloMpumelelo√/ eThekwini√/ eMlazi.√ (1)

1.1.2 Libe kukuphathela uNomakhwezi iindaba ezimkhathazayo ngendoda yakhe.√√ (2)

1.1.3 Kukutyhila iingcinga zesi sibini√√/ kukubonisa uvakalelo lwesi sibini.√√ (2)

1.1.4 Akayithandi into embi, uxolele ukushiya ivenkile ngenxa yokuthanda uxolo ayokusebenza kwenye indawo√/uyeka ukuba uYolisa naye makeze kuba engafuni kuxabana nenkosikazi yakhe√/ ebekwazi nokunika abahlali izinto zevenkile ngetyala√/uthi naxa athukwa nguNomakhwezi angalwi koko azithobe.√

[Nasiphi isithathu esichanekileyo.] (3)

1.1.5 Kukuzithethela/ukuvakalisa ukunganeliseki ungadanga wabhekisa ngqo kulowo ukukhathazayo.√√ (2)

1.1.6 Sibangele ukuba kuphele ukuthembana√/kuhlale kutyholwana ngonobenani√/ Sitheze impilo kaLungile.√/ sibangele ingozi yokutsha kwabo ngemoto basweleke√/sibangele ukuba uMpumelelo abeyinkedama√/sibangele ukuba banqabe abathengi evenkileni kuba ebebacingela kwindoda yakhe.√

[Nasiphi isithathu esichanekileyo.] (3)

1.1.7 Yeyangaphandle√ kuba iphakathi komntu nomntu nanjengoko intetho inongwe ngezifungo nezinyembo.√√ (3)

1.1.8 Yeyemiba engentlalo yoluntu√ kuba ubangiswano ngomhlaba ngumba wentlalo.√ (2)

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Ngokusizisela lo mlinganiswa unguThembisa uza kuthi abe yinkosikazi kaMpumelelo√√/ usazisa imvelaphi yalo mlinganiswa unguThembisa waphantse akafunda kodwa wagqibela engugqirha.√√ (2)

1.2.2 Sisekubeni lo Thembisa angafuni afunde ngesizathu sokuba akufunda akasoze atshate ugqibele efundile wamfumana esikolweni naloo myeni.√√ (2)

1.2.3 Uzobo mayana.√ (1)

1.2.4 C.√/C. onguvalithuba√/onguvalithuba.√ (1)

1.2.5 Wolwimi olucengayo.√ (1)

1.2.6 Ngowokuphikisana kwamadoda ngezimvo.√√ (2)

1.2.7 (c)√/(c) ukutsha kwemoto yabazali bakaMpumelelo√/ukutsha kwemoto yabazali bakaMpumelelo.√

(b)√/(b) ukohlwaywa kukaMpumelelo esinaleni√/ukohlwaywa kukaMpumelelo esinaleni.√

(d)√(d) Iyelenqe lokutshiswa kwevenkile√/iyelenqe lokutshiswa kwevenkile.√

(a)√/(a) Itheko lokuvuyisana noMpumelelo ngezifundo zobugqirha√/itheko lokuvuyisana noMpumelelo ngezifundo zobugqirha.√ (4)

1.2.8 Ikhaya lakwaGobidolo ngabantu abaphila ngexesha lamandulo de wabe utitshala uzisa ukhanyo.√√ (2)

1.2.9 Sifanelekile kuba ibali lithetha ngokuguquguquka kobomi kwindlela eya empumelelweni√√/ngamahlandinyuka obomi ahlangana nawo umntu phambi kokuba aphumelele.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Emzini kaLinda√/kwaLinda√/ eDankeni√/ eDuncan Village√/eMonti√/ eBhongweni.√ (1)

2.1.2 Njengoko elelinye lamalungu *aseMoonglow Night Club* uyabandakanyeka ekunyengezweni kompu ebhegini kaLinda ekwakubulewe ngawo uEddie ukuze uLinda arhaneleke njengombulali.√√ (2)

2.1.3 Kukutyhila iingcinga zesi sibini√√/kukubonisa uvakalelo lwesi sibini.√√ (2)

2.1.4 Ulinde umtshato wakhe noEddie ixesha elide√/ ulinde uEddie ukuba uza kuza kumbona emva komboniso bhanyabhanya√/ akakhange azihluphe ngokumangala akulahlekelwa ngumpu koko uye walinda wade wazivelela√ ulinde ixesha elide entolongweni esayanyaniswa netyala lokufa kukaEddie lade lafika ixesha lakhe lokukhululeka.√

[Nasiphi isithathu esichanekileyo.] (3)

2.1.5 Kukulila ungaphimiseli iinyembezi zizehlele umana uzisula ungafuni kubonwa ukuba ukhathazekile.√√ (2)

2.1.6 Sibangele ukuba abengumrhanelwa wokuqala ekubulaweni kukaEddie√/abhale ileta eyaphula idinga lokuya eRio Cinema esetyenzisiweyo njengobungqina√/azintyintye ngotywala de akazi nento ayenzileyo nangayenzanga ngala mini yokufa kwesi sibini.√ (3)

2.1.7 Yeyangaphandle√ kuba intetho iphakathi komthetho omelwe nguHlobo nomntu orhaneleka njengomaphuli mthetho onguLinda.√√ (3)

2.1.8 Yeyophando√ kuba iqhutywa luphando lokusombulula isishiqi sokufa kukaEddie noLulama.√ (2)

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Ngokusizisela abona babulali bakaEddie√√/usazisa abona babulali bakaEddie.√√ (2)

2.2.2 Sisekubeni phakathi kwezikrelemnqa kukho uThembisa owayezenza umakazi kaEddie ekuphela kwakhe kanti uyinjinga ekubulaweni kwakhe√√/ laa Nkosikazi Hobe wayekhala kakhulu ngokushiywa ngumtshana wakhe kanti nguye umbulali walo mtshana wakhe√√/sisekubeni laa Nkosikazi Hobe wayengumakazi kaEddie ngoku sele enguThembisa Ntlokonkulu ongumgewu.√√ (2)

[Nayiphi kwezi.]

2.2.3 Uzobo mayana.√ (1)

2.2.4 A√/A oyintloko√/ oyintloko.√ (1)

2.2.5 Wolwimi olucengayo.√ (1)

2.2.6 Ngowamadoda amakhulu amade oyikekayo.√√ (2)

2.2.7 (b)√/(b) ukufika kukaLulama endlwini kaEddie√/ukufika kukaLulama endlwini kaEddie.√

(a)√/(a) Ukundwendwela kukaHlobo *eMoonglow Night Club*√/ ukundwendwela kukaHlobo *eMoonglow Night Club.*√

(c)√/(c) ukufumaneka kolwazi malunga ne*Tape Recorder*√/ ukufumaneka kolwazi malunga ne*Tape Recorder.*√

(d)√/(d) ukundwendwela kukaHlobo *eFemina House*√/ ukundwendwela kukaHlobo *eFemina House*.√ (4)

2.2.8 Lixesha lasebusuku apho kwenziwa izinto emfihlakalweni√√/ lixesha lasebusuku apho kwenziwa khona ulwaphulo-mthetho√√/lixesha lokhanyo kuba kusetyenziswa iithotshi neemoto.√√ (2)

2.2.9 Sifanelekile kuba abona babulali bakaEddie Maga noLulama Zuma bebengabantu abanobuchule bokugquka umkhondo kodwa ngenxa yobuchule bakhe uHlobo uye wakwazi ukubabamba abaveze elubala ngezenzo zabo zenkohlakalo watsho umqolo waphandle njengoko isihloko sisitsho.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA JAPHTA

3.1 3.1.1 Endlwini kaMamTolo noThandabantu√/kuloMonwabisi√/kuTsolo√/eNtshiqo√/evenkileni kaThandabantu√/kuloHlubikazi√/kwaSihlunu.√ (1)

3.1.2 Lelokunika ithuba lokukhulisa uMonwabisi amshiye eyinkedama kwaThandabantu√√/ lelokwandisa abantwana beli khaya.√√ (2)

3.1.3 Kukutyhila intlalo ayihleliyo uMonwabisi nonobangela wayo okukwahlulela phakathi komntwana wesizalo nongengowaso√√/ kukutyhila isimo somlinganiswa onguMamTolo.√√

[Nayiphi kwezi.] (2)

3.1.4 Kusoloko kugcwele ngabantu evenkileni yakhe ngenxa yothando analo√/ wayengabagxothi abo bakhetha ukuhlala kwakhe ngenxa yobubele √/ luthando lwakhe ebantwini olumqhubela ekubeni azibandakanye neenkonzo zokuphuhlisa uluntu√/ luthando lwakhe olumenze ukuba anike uMonwabisi ithuba engajonganga nzuzo.√ (3)

3.1.5 Wayengenanto alwa naye ngayo.√√ (2)

3.1.6 Ubangele ukuba ayijongele phantsi injongo yekhaya lakwaThandabantu yokunceda abantu abahlelelekileyo√/akhubeke msinya bakukhalaza abantwana bakhe√/abe nomkhethe abatyisele ecaleni abakhe abantwana√/amphathe njengesicaka uMonwabisi amvimbe nemfundo√/ wenze ukuba uMonwabisi afunde umsebenzi de waluncedo kweli khaya√/ wabangela ukuba abantwana bakhe bangabi nayo ingqeqesho. √

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

3.1.7 Yeyangaphandle√ kuba intiyo kaMamTolo ijoliswe kuMonwabisi ambona onwabile kweli khaya engazalwa nguye.√√ (3)

3.1.8 Yeyemiba engentlalo yoluntu√ kuba ingomba wentlalo okukutshabhisa umkhwa wokubukula umntwana ongengowesizalo sakho.√ (2)

## ISICATSHULWA F

3.2 3.2.1 Ngokusinyusela uMonwabisi kwibakala lokuba yindlalifa kwaThandabantu.√√ (2)

3.2.2 Sisekubeni lo Monwabisi namhlanje ubonwa njengendlalifa ngulo ebekade ebukulwa ngenxa yokuba engengowesizalo sikaMamTolo.√√ (2)

3.2.3 Luzobo mayana.√ (1)

3.2.4 A√/A oyintloko√/ oyintloko.√ (1)

3.2.5 Wolwimi oluqweqwedisayo.√ (1)

3.2.6 Ngowomntu onokumelana nomngeni aza kujongana nawo.√√ (2)

3.2.7 (c)√/(c) Ukusweleka kukaGcinumzi ngengozi√/ukusweleka kukaGcinumzi ngengozi.√

(b)√/Ukubandezwa kukaMonwabisi imfundo√/ukubandezwa kukaMonwabisi imfundo.√

(a)√/(a)Ukuya kukaHlubikazi eThekwini√/ukuya kukaHlubikazi eThekwini.√

(d)√/(d) Ukuvalwa kwamashishini kaThandabantu√/ukuvalwa kwamashishini kaThandabantu.√ (4)

3.2.8 Ngokwasezimbalini lixesha lokhanyo kuba ibali liqhubeka esibhedlele.√√ (2)

3.2.9 Sifanelekile kuba uMaRhadebe wafika wabonwabisa kakhulu abantu abahlala kwaThandabantu. Washiya unyana owabizwa ngokuba nguMonwabisi kanti uza kuphela sele esonwabisa umzi wakwaSihlunu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

## ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Kwiofisi kaLoni eNobutho *Higher Primary School*√/eofisini kaLoni.√ (1)

4.1.2 Libe kukuza nobungqina obuphilayo kwisityholo abekwa sona uNdila sokuthuma abantwana utywala ngexesha lesikolo.√√ (2)

4.1.3 Kukutyhila izimo zabalinganiswa√√/kukubonisa uvakalelo lwabalinganiswa.√√

[Nayiphi kwezi.] (2)

4.1.4 Ubasele ingxabano phakathi kukaLoni noNdila√/uya endlwini kaNdila abasele, ahlohle umoya wempindezelo kuNdila nangona ezazi ukuba nguye ophembelele umlilo phakathi kwakhe noLoni√/uye kwaMadala eye kubasela umlilo wokuba uLoni agxothwe kwisikhundla sobunqununu kungene yena.√ (3)

4.1.5 Kukuzamazamana nento exakileyo.√√ (2)

4.1.6 Kubangele ukuba aphulukane nesidima sobutitshala√ /athume abantwana utywala ngexesha lesikolo√/asele nabantwana besikolo√/adelele nabaphathi bakhe emsebenzini√/angene lula nakumayelenqe okuwisa abanye abalinganiswa√/uphulukana nobomi bakhe ngokuthi agwetyelwe intambo.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

4.1.7 Yeyangaphandle√ kuba ayikho imvisiswano phakathi kukaLoni noNdila.√√ (3)

4.1.8 Yintlekele√ kuba iphela ngendyikityha yokufa.√√ (2)

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Ngokusizisela umkhondo wabantu abachaphazelekayo ekubulaweni kukaMawonga.√√ (2)

4.2.2 Sisekubeni uLoni le ndawo ebesoloko esiya kuyo ngezothando nolonwabo kuthe kanti yile aza kufela kuyo.√√ (2)

4.2.3 Luzobo ngqo.√ (1)

4.2.4 C√/C onguvalithuba√/ onguvalithuba.√ (1)

4.2.5 Wolwimi olucengayo.√ (1)

4.2.6 Ngowento eyothusayo.√√ (2)

4.2.7 (b)√(b) Ukugxothwa kukaNdila emsebenzini √/ukugxothwa kukaNdila emsebenzini.√

(a)√/(a) Ukuya kukaMaziko kwaNdila√/ukuya kukaMaziko kwaNdila.√

(d)√/(d) Itheko lakwaFuneka√/ itheko lakwaFuneka.√

(c)√/(c) Ukufika kukaNomasoka noRay kwaLoni√/ukufika kukaNomasoka noRay kwaLoni.√ (4)

4.2.8 Ngokwexesha ezimbalini ngamaxesha okhanyo oku kutyhilwa ngokusetyenziswa kweemoto ngamapolisa noqhaqho lwesidumbu√√/ indawo ekuqhubeka kuyo umdlalo kukwaLoni√√/intlalo yokunganyaniseki emtshatweni√√/ amantombazana athandana nabantu abatshatileyo bade bahlalisane.√√ (2)

4.2.9 Sifanelekile kuba uLoni ongumlinganiswa oyintloko unenkani akafuni kunqandwa kwindlela ayihambayo emkhokelela ekutshabalaleni de asebenzise la mazwi asisihloko sale ncwadi.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – Madoda Mlokoti**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 ENgcobo√/ kwaNcaphayi√/kuloDina√/ kuloZanoxolo.√ (1)

5.1.2 Utshintshe isimo sakhe wahamba ebusuku√√/ uzivalela egumbini elimdaka√√/ esikolweni akasaqhubi kakuhle√√/ akabamameli abazali√√/akangomzekelo koodade wabo.√√

[Nayiphi impendulo kwezi.] (2)

5.1.3 Kukutyhila iingcinga zesi sibini√√/kukubonisa uvakalelo lwesi sibini.√√ (2)

5.1.4 UZanoxolo ucelwa ukuba athethe noDina xa angathethi namntu kowabo√/ nangona egezelwa nguDina akalwi yena naye uthetha ngoxolo√/uhlisa umoya kamama wakhe akuba engakholelwa ukuba uDina uyatshintsha kwisimo sakhe ngenxa yezinto ezimehleleyo√/ubonisa uDina ubungozi anokuzifaka kubo xa enokuziphindezela kuNyoka.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

5.1.5 Uya empangelweni √√/uya emsebenzini.√√ (2)

5.1.6 Kubangele ukuba uDina enze ukuthanda kwakhe√ /usoloko ecofa ifowuni yakhe√ /aziphalaze√/athengise ngomzimba√/asebenzise iziyobisi√/ akhulelwe√/ayeke nesikolo.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

5.1.7 Yeyangaphandle√ kuba akukho mvisiswano phakathi kukaDina noThambolenyoka.√√ (3)

5.1.8 Yintlekele-siyoliso√ kuba ingomba wokubulala iimbilini nekamva labantwana besizwe kuze kubekho isisombululo ngokuthi umenzi wobubi afumane isohlwayo lukhululeke ulutsha obelubandezelekile.√ (2)

## ISICATSHULWA J

5.2 5.2.1 Ngokusizisela icebo lokuqokelela ubungqina obuza kukhokelela ekubanjweni kukaThambolenyoka ngezenzo zakhe zokubulala ikamva labantwana.√√ (2)

5.2.2 Sisekubeni uThambolenyoka lo ucinga ukuba kuphela abasebenzi bakhe kanti nguyena uza kuphelela ejele√√/uThambolenyoka neqela lakhe bacinga ukuba kuyafiwa ngokwenene kanti thina bafundi bencwadi siyazi ukuba kuqokelelwa ubungqina, abafanga.√√ (2)

5.2.3 Uzobo ngqo.√ (1)

5.2.4 C√/C onguvalithuba√/ onguvalithuba.√ (1)

5.2.5 Wolwimi olucengayo.√ (1)

5.2.6 Ngowomntu okhathazeke ngokugqithisileyo.√√ (2)

5.2.7 (d)√/(d) UDina uzuza isipho ilaptop√/ uDina uzuza isipho ilaptop.√

(b)√/(b) UKuku ugxothwa emsebenzini√/uKuku ugxothwa emsebenzini.√

(a)√/(a) UMzunzima nenkosikazi yakhe bathenga umzi ngakuKomani√/uMzunzima nenkosikazi yakhe bathenga umzi ngakuKomani.√

(c)√(c) UZanoxolo ubhaqa isixhobo emotweni kaDina√/uZanoxolo ubhaqa isixhobo emotweni kaDina.√ (4)

5.2.8 Ngokwexesha ezimbalini kukule mihla yokhanyo apho kuxhaphake ukucholwa kwezidumbu ezigetyengiweyo√√/abantu bahleliswe kakubi bayaxhatshazwa.√√ (2)

5.2.9 Sifanelekile kuba inzala yamarhamba inobungozi isaphuma nje esizalweni njengonozala wayo, nto leyo ingqamene nokungcola kukaNyoka kwakunye nabo bangabasebenzi bakhe ababonakala njengenzala yakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa

### 6.1 'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu

### ISICATSHULWA K

| | | |
|---|---|---|
| 6.1.1 | Enkundleni yamatyala.√ | (1) |
| 6.1.2 | Ubeneempawu nezenzo ezimenza arhaneleke kwityala lokudlwengulwa kukaNompoxeko.√√ | (2) |
| 6.1.3 | Kukutyhila iingcinga zesi sibini√√/kukubonisa uvakalelo lwesi sibini√√/ kukutyhila izimo zabalinganiswa.√√ | (2) |
| 6.1.4 | Uphoxakele xa inkundla imveze njengommangali ongenanyani√/uphoxakele njengommangali ochonga kuphela ubungqina obuza kuthethelela uZolani kunaye.√/uphoxakele njengommangali ongenambeko√/ uphoxakele kuba limlahlile ityala lokudlwengulwa nguZolani nangona ebelixhoba lakhe ngenene.√<br><br>[Nasiphi isithathu kwezi.] | (3) |
| 6.1.5 | Uyihlalele ngemibuzo√√/uyibuze imibuzo emininzi elandelelanayo engamphanga thuba lokuphendula√√/uyixinanisele ngemibuzo elandelelanayo enganikwa thuba lokuphendula.√√ | (2) |
| 6.1.6 | Ukuwina kwakhe ityala likaNompoxeko kubangele ukuba azithathele ngolunya nakwabanye nanjengoko ebenzile kuNompoxeko waphumelela√/kukhulise ukuzithemba√/aqhayise ngesenzo sakhe.√ | (3) |
| 6.1.7 | Yeyangaphandle√ kuba kukho uxambuliswano phakathi kwegqwetha likaZolani noNompoxeko malunga nesenzo sokudlwengulwa kwakhe nguZolani.√√ | (3) |
| 6.1.8 | Libali elingemiba yentlalo yoluntu√ kuba umkhwa wodlwengulo uyingxaki echaphazela intlalo yoluntu.√ | (2) |

6.2 **'KANTI ANDIZENZANGA!' – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA L**

6.2.1 Ngokusizisela ukungamkeleki kukaMntuyedwa eSikhobeni ngenxa yesimo sakhe sokuziphatha njengentombazana.√√ (2)

6.2.2 Kukubizelwa kukaMntuyedwa ngamakhwenkwe ngenjongo yokumqeqesha abe wona kuqala ezindladiya zendlavini eziqaqadekileyo.√√ (2)

6.2.3 Luzobo mayana.√ (1)

6.2.4 B√/B Ongumchasi√/ongumchasi.√ (1)

6.2.5 Wolwimi olucengayo.√ (1)

6.2.6 Wokubhekela pha kude.√√ (2)

6.2.7 (a)√/(a) Imbizo yakomkhulu√/imbizo yakomkhulu.√

(c)√/(c) Ukufika kukaNtandoyakhe kwaMaDosini√/ukufika kukaNtandoyakhe kwaMaDosini.√

(d)√/(d) UMaDosini undwendwela kwamfundisi√/uMaDosini undwendwela kwamfundisi.√

(b)√(b) Ukufika kukaMntuyedwa eMnyameni√/ukufika kukaMntuyedwa eMnyameni.√ (4)

6.2.8 Ngokwasezimbalini lixesha lokhanyo apho abantu bangasafihlisiyo imeko yezini zabo√√/ ibali liqhubeka ezilalini eSikhobeni embizweni yamakhwenkwe.√√ (2)

6.2.9 Sifanelekile kuba umlinganiswa ophambili uMntuyedwa uzelwe eyedwa kowabo, kwaye udalwe ngokukodwa.√√

[Nayiphi impendulo echanelekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – Sibongile Maputi nabanye

### 7.1 MFAZINDINI WASE-AFRIKA – KN Manciya

7.1.1 Lisetyenziselwe ukuhlaba ikhwelo√/ ukucela abantu ukuba bamamele.√ (1)

7.1.2 Ngowomntu ongumama orhela ingca ngokukhawuleza.√√ (2)

7.1.3 Ububele nesondlo salo mfazi weAfrika.√√ (2)

7.1.4 B√/B.Ngabafana neentombi√/ ngabafana neentombi.√ (1)

7.1.5 Uyaguba√/ untsintsitheka nenyanda yeenkuni√/ uqengqa imbokodo elityeni√/ wenza iti entubululu√/ungcekelela umgqomo wamanzi√/ uyolisa imbadu engasebuhlanti.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.1.6 Imbona njengomntu owomeleleyo nonobuchule bokwenza imisebenzi enzima.√√ (2)

7.1.7 Umqolo we-17√/ kuloo maqhwa aqhaqhazelisa imihlathi.√

[Nayiphi impendulo kwezi.] (1)

7.1.8 Ndimbone esindwa ziinkuni/iziqobo ezonakalisa impilo yakhe.√√ (2)

7.1.9 Ngoweliso.√ (1)

7.1.10 Inani lemiqolo yazo liyalingana.√√ (2)

7.1.11 Ngowokuba umntu ongumama usebenza ngokukhuthala nangokuzinikela.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

7.2 **UMNQAYI – S Maputi**

7.2.1 Uphindaphindo lwamagama.√ (1)

7.2.2 Utyhila ukuba le yintonga exabisekileyo esetyenziswa xa kuza kuthethwathethwana.√√

[Nayiphina impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

7.2.3 Sisimntwiso.√ (1)

7.2.4 Kungenxa yokuhlonipheka kwawo nesithozela onaso.√√ (2)

7.2.5 Siphuhlisa ukufakwa kwayo ekhwapheni ngobunono le ntonga.√√ (2)

7.2.6 Eyokuba bahamba kancinci kunye ngesidima ngentlonipho nangesithozela.√√ (2)

7.2.7 Kuyamangalwa ngawo√/kugoduswa isisu ngawo √/kuqhutywa ikhazi ngawo.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.2.8 Ngumbongonkcazo.√ (1)

7.2.9 Isitanza sesithathu sakhiwe ngemiqolo emi-6 esesine ngemiqolo eli-10.√√ (2)

7.2.10 Ukubaluleka nokuxabiseka komnqayi kwaXhosa.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**